# UThixo Wawuphendula Umthandazo Wakhe

**Imiyalelo:** Funda ezi vesi zeBhayibhile kwindawo ongazukuphazanyiswa kuyo. Njengoko ufunda yiba ngathi ulapho nawe. Yiba ngathi uyayibona into eyenzekayo. Beve ngathi bayathetha abantu abalapho uze uvakalelwe ngendlela abavakalelwa ngayo.
**Abalinganiswa abaphambili:** UNehemiya, uKumkani uArtashashta, uSanebhalati noTobhiya
**Ushwankathelo:** UNehemiya uthandaza kuThixo, ucela imvume yokuya eYerusalem kukumkani aze alungise iingxaki.

## 1 HLALUTYA ESI SIGANEKO.—FUNDA UNEHEMIYA 2:1-20.

Ucinga ukuba ngabantu abanjani aba kuthethwa ngabo kule ngxelo?

UNehemiya: ______________________________

UKumkani uArtashashta: ______________________________

USanebhalati noTobhiya: ______________________________

Ucinga ukuba kwakutheni ukuze umthandazo kaNehemiya ube mfutshane? ______________________________

Ucinga ukuba yayibonakala njani iYerusalem ukufika kukaNehemiya. (*Phinda ufunde ivesi 13 ne-14.*)

______________________________

Ucinga ukuba lalinjani ilizwi likaNehemiya njengoko wayethetha kuvesi 17?

______________________________

## 2 PHANDA.

Ucinga ukuba uNehemiya wayethandazela ntoni? (Funda uNehemiya 1:4-11.)

______________________________

Kutheni sisithi kusenokwenzeka ukuba uNehemiya wagqiba kwelokuba uArtashashta wayenokumvumela abuyele eYerusalem? (Funda uEzra 7:1-6; IMizekeliso 21:1.)

______________________________

AmaYuda ‘azomeleza njani izandla zawo kumsebenzi olungileyo’? (Funda uNehemiya 2:18; Isaya 35:3.)

______________________________

Yintoni oyithandayo kwindlela uNehemiya awamphendula ngayo uSanebhalati noTobhiya? (Funda uNehemiya 2:20.)

______________________________



www.jw.org/xh © 2013 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

## 3 ZISEBENZISE IZINTO OZIFUNDILEYO.

Bhala izinto ozifundileyo . . .

Ngamandla omthandazo. ______________________

______________________

Ngendlela uYehova uThixo abanceda ngayo abakhonzi bakhe xa bethetha ngesibindi. ______

______________________

## 4 KHAWUZIBUZE:

Ukuba ndiyacaphuka okanye intliziyo ibuhlungu, ndinokumxelisa njani uNehemiya?

______________________

______________________

Xa abanye bephikisa iinkolelo zam, ndinokubonisa njani ukuba ndithembela ngoYehova?

______________________

______________________

Kule ngxelo sisiphi esona sifundo sibalulekileyo kum, yaye kutheni?

______________________

______________________

______________________

**Icebiso:** Kwiimpapasho onazo, khangela isixeko sakudala iShushan neYerusalem emaphini. (Nehemiya 1:1) Bala umgama ophakathi kwezi zixeko, uze ucinge indlela ekwakuza kuba nzima ngayo kuwe —njengoNehemiya—ukuhamba umgama ofanayo ukusuka kowenu zingekho izinto zokuhamba zanamhlanje.



Zikhuphelele le PDF kwi-www.jw.org/xh



www.jw.org/xh © 2013 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania